higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE (Iphepha Lesibini)
NQF LEVEL 4

(41011244)

16 Novemba 2018 (Y-Paper)
13:00–16:00

Eli phepha lemibuzo linamakhasi amane.

NCV

IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 100

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI

1. Phendula YONKE imibuzo.
2. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.
3. Iimpendulo zinombole ngendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.
4. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokubonakalayo.

NC(N)

UMBUZO 1

UBHALO LWELETA: Isicelo somsebenzi

Ubone kwiphepha-ndaba lengingqi yakho isibhengezo sesithuba somsebenzi ongqamana nekhondo olilandelayo. Bhala ileta yesicelo somsebenzi ufake zonke iinkcukacha ngawe, ukuze ubonakale ungoyena ufanelekileyo kwesi sithuba. **[20]**

UMBUZO 2

INGXELO YENTLANGANISO

Ubukhokele igqiza labafundi abancedisa ukufundisa abafundi abafikayo ngazo zonke iinkqubo zekholeji okuyo. Bhala ingxelo ngendlela oye wasingathwa ngayo lo msebenzi. **[30]**

UMBUZO 3

UBHALO LWEETEKISI EZICENGAYO: Ipowusta

Iimvumi ezaziwayo kumculo wegosipile ziya kube zidyusha kwiholo yekholeji yakho ngomhla woxolelwaniso (16 Disemba). Bhala ipowusta ebhengeza lo mnyhadala. **[20]**

UMBUZO 4

UBHALO OLUSEBENZISEKAYO: I-imeyile

Ningabafundi besiXhosa nizakuya kumboniso wezenkcubeko kwaye nizakuzibhatalela ukuya apho. Bhalela omnye wabazali bakho **i-imeyile** umxelele ngalo mba ungasentla ucele imali yolu hambo. Nika zonke iinkcukacha zeendleko ezilindelekileyo. **[10]**

UMBUZO 5

UKUHLELA

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule ukulungisa iziphene

Singabafundi balekholeji ikhankanywe apha ngasentla siyixalenye yeMini yoXolelwaniso ezakuba ngomhla we-16 kudisemba kwingingqi yethu. Sikonyule njengelona qhawe le zemidlalo lithandwayo kwaye sinqwenela ukuba uze kuba sisithethi sethu sembeko kwikonsathi yethu.

Njengoko usazi iMini yoXolelwaniso lusuku abathi abami baseMzantsi Afrika bakhumbuzwe ngalo ukuzibekela bucala zonke ingxabano nokujamelana kwabo kwezolo. Siyazi ukuba ubukho bakho buyakuthakazelelwa ngumntu wonke amakhwenkwe namantombazana, abadala nabancinane, abalandeli bezemidlalo kwanabo bangenamandla kwezemidlalo. Ngolohlobo itsho iphuhle insingiselo yolu suku kumntu wonke. Amakhwenkwe asuka athabatheke ngoku kodwa bubuchule nezangotshe zakho zokukhaba nokohlutha ibhola, ukanti amantombazana wona abukela lomntu unothando kangaka uthetha kamnandi, nozinikelayo kumsebenzi wokufundisa ibhola kubadlali besoka abancinci. Abantu abadala bathanda bona indlela odlala ngayo, ukanti bonke abanye babukela indlela ophumelele ngayo eMzantsi afrika naPhesheya.

Lomsebenzi uza kuqala ngensimbi yesibini uphele ezinzulwini zobusuku. Kuza kulindeleka ukuba usenzele inthetho yokuvala. Sikufakele nesikhokhelo senqubo yalo msebenzi. Imvumi ayithanda kunene, uJohny Sontaza, nguye oya kube eshila eqongeni ngaloo mini. Sesifumene nenxaso kwabakwa SAA malunga nezothutho. Indawo yokulala kunye nokutya uzakulungiselelwa kwihotele yethu yasekuhlaleni.

Sinethemba lokuba uyakuphumelela. **[20]**

AMANQAKU EWONKE: 100

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha